Ukutshiza kwihlabathi – kuyinyani okanye kuyingcinga nje?

24 Epreli 2007

Dowunlowuda:
Iphepha lekuyinyaniso ngotshintsho lwemeko yezulu – IsiXhosa; English; Afrikaans
Ukutshintsha kwemeko yezulu – inyaniso okanye ingcinga nje **– ngu- Gqr Guy Midgley**

Kwabo benu badidekileyo baze babhideka ngamandla ovakalelo nothando abathi abanye baze nalo ngaphambili malunga nalo mba, naku okuyinyaniso

- “Utshintsho lwemeko yezulu aluyonto intsha, lwenzeka kwangaphambili.” Impendulo koku kukuba, ewe, lwenzeka, kodwa hayi ngendlela okanye ngeqondo elifanayo.
- Ewe, zenzeka iinguqu ezikhawulezileyo zemozulu kwixesha elidlulileyo, kodwa owona mba umandundu ngowokuba ubushushu ubugqithisileyo kwihlabathi buhleli bukho iminyaka engamakhulu khulu amawaka phakathi kwamaqondo omkhenkce angaphantsi kwe-10 0C kunye napholileyo aphakathi kwe-14-15 0C ngexesha lokuqhekeka komkhenkce.
- Ukuguquka kwemeko yezulu okukhuthazwe ngumntu kuza kubangela ukuba la maqondo agqithise kwiminyaka elandelayo engama-50. Emva koko aze aqhubeke ngokwanda kangangamashumishumi eminyaka elandelayo ukuba asikunqandi ukukhutshwa kwegesi yindlu eluhlaza. Umhlaba wethu opholileyo apho ivela khona inkoliso yendalo yethu nalapho silima khona uza kuba shushu ngaphaya kwendaleko ngokwaneleyo ukuba kangangokuba indalo eninzi nezenzo zokulima azisayi kugcineka.
- Ezolimo zoshishino zale mihla zinegalelo elikhulu ekuqhubekekiseni phambili utshintsho lwemeko yezulu olukhuthazwa ngumntu
- Abantu abangakuvumiyo ukutshintsha kwemozulu badla ngokuthi: “Ukuba awunako ukuqikelela imozulu yeveki ezayo yenzeka njani ukuba kubekho umntu unokuqikelela imozulu yamashumi shumi eminyaka ezayo, ingaba kunjalo?” Le ngxoxo ingenasihlahla ibhidanisa imeko yezulu nemozulu. (Kuthiwa ukuba awuyithandi imozulu, Linda ke kude kube ngomso – kodwa ukuba awuyithathi imeko yezulu, zilungiselele ukuhlala kwenye indawo).
- Kwiminyaka emibini eyadlulayo – 2003/2004 – iNtshona Koloni yathwaxwa yimbalelakazi, eyakhokelela ekubeni yaziswe yiNkulumbuso yeNtshona Koloni “njengeMeko yeNtlekele”. Inkulumbuso, isebenzisana nezinye iiNkulumbuso zamanye amaphondo kunye neentloko zamasebe, igqibe ekubeni iSebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso, limele kuthathela kulo uxanduva lokujongana nokutshintsha kwemeko yezulu eNtshona Koloni – ukuze kuqondwe ukutshintsha kwemeko yezulu kunye nempembelelo zayo eNtshona Koloni kwaye lisungule ubuchule bokujongana nale meko. Ugqr. Midgley, oyiNtloko eyiNgcaphephe kwezoBugqi kwiQela lokuTshintsha kweMeko yezulu i-SANBI (SANBI Climate Change Group), nguye okhokele esi sifundo, esingqinayo ukuba iNtshona Koloni ithwaxwa luntshintsho lwemeko yezulu.